

Inombolo yefayili: 23/3/4/3  
Isalathiso: 20231012-8800

INGcaciso eMfutshane yeCandelo i-Cape Teaching and Leadership Institute: 0006/2023

Iya: KumaSekela Balawuli, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgccebiso ngeze- ISLES, kwiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

**Isihloko: Ukubhiyozela iNyanga yeLayibrari yeSikolo kuMazwe ngaMazwe (International School Library Month (ISLM))**

1. Ngo-Oktobha 2023 iLayibrari zezikolo zaseMzantsi Afrika nakwilizwe jikelele, zabhiyozela yaye zakhuthaza iinkonzo zelayibrari nezengcaciso ezikolweni.
2. Ukulungiselela ukubhiyozela i-ISLM ngo-2023, uMphathiswa weSebe leMfundo leNtshona Koloni uthathe isigqibo sokubandakanya zonke izikolo, ootitshala nabafundi beSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED). Abafundi baya kuba nethuba lokubonisa iimvakalelo zabo malunga neLayibrari yaye kwangaxeshanye, babe nethuba lokuphumelela izibonelelo zelayibrari yezikolo zabo.
3. IiNkonzo zeLayibrari yezeMfundo nezeNgcaciso, ngentsebenziswano ne-Ofisi yoMphathiswa, ziya kubanako ukunika izikolo ezili-10 zeSebe iWCED, ithuba lokuphumelela izibonelelo zelayibrari yesikolo ezixabisa ama-R300 000 ngomxholo othi **"#BackOnTrack with school libraries!"**
4. Kulo nyaka kukho iindidi ezimbini ezinako ukungenela kuzo izikolo:  
**i) Ukhuphiswano lwemibongo (amaBakala 4–12); kunye**  
**ii) Nokhuphiswano lwePowusta/loMzobo (amaBakala 1–3) kuqukwa nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa).**
5. Imali yebhaso kwezi ndidi zimbini iya kwahlulwa ngolu hlobo lulandelayo:

### 5.1 Ukhuphiswano lwemibongo

- **Izikolo eziziisekondari/eziphakamileyo** ezithathu ziya kufumana ama-R30 000 isikolo ngasinye ngokuphumelela ngemisebenzi engenisiweyo (*entries*) kwisiNgesi, kwisi-Afrikansi nakwisiXhosa, yaye
- **Izikolo eziziiprayimari** ezithathu ziya kufumana ama-R30 000 isikolo ngasinye ngokuphumelela ngemisebenzi engenisiweyo (*entries*) kwisiNgesi, kwisi-Afrikansi nakwisiXhosa.

### 5.2 Ukhuphiswano lwePowusta/loMzobo

- **Izikolo eziziiprayimari ezithathu (amaBakala 1-3)** ziya kufumana ama-R30 000 isikolo ngasinye ngokuphumelela ngemisebenzi engenisiweyo (*entries*) kwisiNgesi, kwisi-Afrikansi nakwisiXhosa; kunye
- **Nesikolo semfundo eneemfuno ezizodwa esinye** siya kufumana ama-R30 000 ngokuphumelela ngomsebenzi ongenisiweyo.

6. Ootitshala kuya kufuneka baqokelele yaye badibanise imizobo/iipowusta nemibongo yaye bathumele umsebenzi wokungenela ukhuphiswano (*entry*) omnye wesikolo ngasinye apha [Alison.Mentor@westerncape.gov.za](mailto:Alison.Mentor@westerncape.gov.za).
7. Umhla wokuvalwa wokhuphiswano **nguLwesithathu, we-13 Disemba 2023**, yaye abaphumeleleyo baya kwaziswa ngefoni okanye nge-imeyili.
8. Ukupapashwa kwezikolo eziphumeleleyo nokunikezelwa kwamabhaso kuya kwenziwa ngomhla obekwe liSebe iWCED.
9. Malunga nemibuzo engokhuphiswano nangemimiselo nemiqathango, kucelwa niqhagamshelwane nalo [Janine.Ontong@westerncape.gov.za](mailto:Janine.Ontong@westerncape.gov.za).
10. Malunga neenkondo zelayibrari yesikolo kungaqhagamshelwana nala magosa ezithili zeSebe iWCED alandelayo:

Lorné Erasmus - IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo,  
Isithili i-Overberg: Inombolo yefoni 028 214 7386

Tirzah Arendse - IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo,  
Isithili i-Eden ne-Central Karoo: Inombolo yefoni 044 803 8377

Vernon Koen - IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo,  
Isithili i-Metro East: Inombolo yefoni 021 900 7049

Sinethemba Mdunyelwa - IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo,  
Isithili i-West Coast: Inombolo yefoni 021 860 1200

11. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abachaphazekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2023-10-30